basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2018**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha ali-9.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## 1.1 ISICATSHULWA A

1.1.1 NgooMpondo-zihlanjiwe bee'*selfie*'.√ (1)

1.1.2. Olwento kaShakespear nokaOrwell.√ (1)

1.1.3. Sesokuba igama elithi '*selfie*' libe sematheni ngonyaka wama-2013√√/ligama ekungekudala likho.√√ (2)

1.1.4 Yeyokuba abahlobo nabalandeli bawubone√ bawuncome.√ (2)

1.1.5 Wokuziphakamisa okugqithisileyo.√
Wokuzigwagwisa.√ (2)

1.1.6 C.√/C. Eyokuxatyiswa kwento kakhulu ide ilawule√/eyokuxatyiswa kwento kakhulu ide ilawule.√ (1)

1.1.7 Yaqalwa ngumfundi wase-Australia ogama lingaziwayo, owathi wathumela ifoto yomlebe wakhe ocandekileyo.√√ (2)

1.1.8 Amaqonga onxibelelwano anceda ngokuba athi esandul'ukuvela amagama amatsha abe sele esamkeleka ebhalwa/ amaqonga onxibelelwano ayakukhawulezisa ukupapashwa kwesigama esitsha.√√ (2)

1.1.9 Abaqulunqi bezichazi-magama bancedwa luthotho lweetekisi olubhalwa lulutsha kula maqonga, ukuze bafumane isigama esitsha√√/ulutsha luyila isigama esitsha esikhulisa ulwimi kwiitekisi oluzipapasha kula maqonga.√√ (2)

1.1.10 Yeyokuba ii'*selfie*' zibenegalelo ekukhuliseni iindidi zonke zobundumasi.√√ (2)

1.1.11 Eyokuba iindumasi ziyabodlula bonke abantu ngokulinganiswa kwemikhwa yazo√/eyokuphakama kwezinga lokulinganiswa kwabantu abaziindumasi ngokwahlukileyo kwabanye abantu abangezizo√/eyokuba iindumasi zilinganiswa ngokuthe chatha zona kunabanye abantu abangezizo.√ (1)

1.1.12 Luluvo kuba abukho ubungqina bophando obuxhasa le mbono.√√ (2)

1.1.13 '… amantombazana ngawona angamaxhoba okuwexulwa ngulo mkhwa'√/'into yamantombazana yokusoloko enolangazelelo lokuqinisekiswa ngokunconywa …'√ (2)

1.1.14 Inkqayi ingena ngeentlontlo√, okomlilo wedobo/ unwenwa okomlilo wedobo.√ (2)
**[24]**

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Indlulamthi ihamba phezu kwentsontela exhonywe phezulu kakhulu ngokuzithemba/ isilwanyana esihamba kwintambo exhonywe phezulu.√√ (2)

1.2.2 Ihamba ime nkqo ngokukhululeka kwaye ijonge phambili√√/ ihamba ngokukhululeka√√/ipholile ayibonisi koyika.√√ (2)

1.2.3 Yinkuthazo yokuba ukungazoyikiseli nokuzithemba kubalulekile√√/ ngowokuba ubume ngokomzimba akusosithintelo sokungenzi izinto ezinokwenziwa ngabanye abantu√√/ngowokuba ukuzimisela nokuncekelela kukusa empumelelweni√√/ngowokuba impumelelo kukujonga phambili kwinto oyinqwenelayo ungajongi iimeko okuzo√√/konke kuxhomekeka kwindlela ozijonge ngayo iingxaki okuzo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
    - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
    - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
    - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
    - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Bakho abantu abaqala phantsi eluthuthwini, babile besoma, bawe bevuka, banyuke bade baye kufikelela encochoyini batsho babe ziingcungcu'. | 1. | Ukusebenza nzima usenza amacebo yenye yeendlela zokufumana ubutyebi. |
| 2. | 'Abanye abantu batyeba ngenxa yelifa abashiywe nalo ngabazali babo'. | 2. | Ukushiywa nelifa ikwayenye indlela yokufumana ubutyebi. |
| 3. | 'Mntu wumbi uyakwazi ukuzibona sele esisityebi ngenxa kaqashi-qashi okanye ukhuphiswano ... iindidi ngeendidi zokhuphiswano eziye ziphume kumaphepha-ndaba, koonomathotholo nakoomabonwa-kude ...' | 3. | Ukungenela ukhuphiswano kunye nooqashi-qashi kungakwenza ubone sele usisityebi. |
| 4. | 'Imidlalo nayo imenza ukuba umntu atyebe... ufunjathiswa iimali ezinkulu ngokuvumela ukusetyenziswa kwegama lakhe nomfanekiso wakhe xa kusenziwa izibhengezo-ntengiso ...' | 4. | Nangemidlalo buyafumaneka ubutyebi kothengisa ngegama lakhe kubenzi bezibhengezo. |
| 5. | 'Batyebile abantu phandl'apha ngumculo ... Abantu baxolele ukukhupha iimali ezinkulu kuba befuna ukubukela uzibaningeshe ecula,...' | 5. | Nomculo obukelwa ngemali ukwayenye yeendlela zokwenza ubutyebi. |
| 6. | 'Ubhalo-ncwadi nalo luyakwazi ukuyigxothela kude indlala xa athe ubani wazinikela ngokupheleleyo kulo'. | 6. | Ukuzinikela ngokuhlala ubhala iincwadi nako kungakwenza isityebi. |
| 7. | 'Ubutyebi bangoku bumbiwa ngaphantsi komhlaba. ... amatye exabiso anje ngegolide, isilivere, idayimani .... Igolide yona ide yenziwe ibe zizitena ezithi zigcinwe koovimba bemali abakhulu apho ihlala khona njengobutyebi obufuyiweyo' | 7. | Izimbiwa ezifana negolide ziyakwazi ukugcinwa koovimba bemali njengobutyebi obufuyiweyo. |

**[103 amagama]** **[54 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCANDELO C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 Ayibaleki isus'amaphepha!√ (1)

3.2 Kukuxela ukuba le moto yenziwe kwaMercedes Benz.√ (1)

3.3 B. √/B Umthengi ayiqaphele ukuze ayinqwenele√/umthengi ayiqaphele ukuze ayinqwenele.√ (1)

3.4 Kuvuselela imvakalelo yokuba umthengi azibone sele engakwicala lomthengisi ngoluvo√√/kuvuselela ingcinga yokubangathi nguwe wedwa ongenayo.√√ (2)

3.5 Eyokuba kubaxiwe ubukho bezixhobo zokhuseleko kule moto√/eyokuba akukho nasinye isixhobo sokhuseleko esingekhoyo kule moto.√ (1)

3.6 Ukongelwa amafutha nemali√/ukhuseleko olungamandla√/ukufika ngokukhawuleza apho uya khona√/ubuhle bemoto√/ isantya esinomahluko√. (Nasiphi isibini kwezi.) (2)

3.7 Kulungile, kuba kunceda umthengisi ukuba abalobe ngobuninzi abathengi.√√

**OKANYE**

Akulunganga kuba abathengi bayaqhathwa ngabathengisi.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**[10]**

**UMBUZO 4**

4.1 Iidesika√/iincwadi√/ isitulo√/ iphepha.√

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

4.2 Luphawu lokhuzo nolombuzo olusetyenziswe ngaxeshanye√/uthe gqa amehlo√/ufinge iintshiyi usinekile√/usondeze umzimba wakhe kuSipho.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

4.3 C√/C yeyokuqiniseka√/yeyokuqiniseka.√ (1)

4.4 Intsingiselo yokuba wothukile utitshala.√ (1)

4.5 Kukuvuya/ kukonwaba√ /kukukhwanqiseka√/kukumangaliseka√/ukothuka√ kuba ukuhleka luphawu lokuvuya√/ kuba ukuthi gqa amehlo luphawu lomothuko√/ (2)

4.6 Ngowokuba intsingiselo oyinika igama ngalinye kulwimi, ixhomekeka kumxholo elisetyenziswe kuwo hayi kwintsingiselo-ngcalo yalo√√/omnye umntu usenokuba nolwazi lwento eyenye ingeyiyo le kuthethwa ngayo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | B √/B Kukubonisa ubuncinane ngokwenani√/kukubonisa ubuncinane ngokwenani.√ | (1) |
| | 5.1.2 | Sikwimo emfutshane.√ | (1) |
| | 5.1.3 | Sisakhi salathandawo.√ | (1) |
| | 5.1.4 | Okufutshane.√<br>Isiphawuli.√ | (2) |
| | 5.1.5 | Imizi yokwaluka ukhuko ayikho.√√ | (2) |
| | 5.1.6 | Sisikhombisi√/sisalathisi√/isimelabizo sokwalatha.√ | (1) |
| | 5.1.7 | Ubulula√/ubukhaphukhaphu√/ ukuchebelezela.√ | (1) |
| | 5.1.8 | Owamqeshela.√ | (1) |
| | 5.1.9 | ... wayephathwa√ – sisixando sokwenziwa √ sisenziwa.√ | (2) |
| | 5.1.10 | Ndiza kufuna ulondoloze igxamesi lam√√/Ndofuna ulondoloze igxamesi lam.√√ | (2) |
| 5.2 | 5.2.1 | Iingozi zendlela ziyabagqiba abantu√√/ziyabagqiba abantu iingozi zendlela√√/abantu ziyabagqiba iingozi zendlela.√√ | (2) |
| | 5.2.2 | Imithetho yendlela ifuna ukuqatshelwa kuba yenzelwe ukuthintela iingozi.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | Iingozi zemoto zibenzakalisile abantu√√/Iingozi zemoto zibonzakalisile abantu.√√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**